



# basic education

---

Department:  
Basic Education  
**REPUBLIC OF SOUTH AFRICA**

## SENIOR CERTIFICATE EXAMINATIONS

**ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO (FAL)**

**IPHEPHA LOKUQALA (P1)**

**2018**

**AMANQAKU: 80**

**IXESHA: liyure 2**

**Olu viwo lunamaphepha ali-11.**

## IMIYALELO NENGCACISO

1. Eli phepha lemibuzo linamaCANDELO AMATHATHU angala:  

ICANDELO A:	Uvavanyo lokuqonda	(30)
ICANDELO B:	Ushwankathelo	(10)
ICANDELO C:	Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi	(40)
2. Phendula YONKE imibuzo.
3. Qala ICANDELO NGALINYE kwiphepha ELITSHA.
4. Krwela umgca ekupheleni kweCANDELO NGALINYE.
5. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenzisiweyo kwiphepha lemibuzo.
6. Shiya umgca emva kwempendulo ngaNYE.
7. Qwalasela ngokukodwa upelo nolwakhiwo lwezivakalisi.
8. lingcebiso malunga nolwabiwo lwexesha:  

ICANDELO A:	Imizuzu engama-50	
ICANDELO B:	Imizuzu engama-20	
ICANDELO C:	Imizuzu engama-50	
9. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

**ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA****UMBUZO 1**

1.1 Funda esi sicutshulwa singezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA A****II 'SELFIE' – AMAXESHA NGAMANYE**

- 1 Kule mihla kuxhaphakile ukubona iindumasi, nkqu nabefundisi, besithi rhuthu iiselula bazifote. Kukwanjalo nakwiinkokeli zopolitiko kodwa uluhlu olugqwesileyo lolu lwabantu abaziwa njengooMpondo-zihlanjiwe bee'*selfie*'. Ngokwesichazi-magama sakwaOxford, esaziwa ngokupapasha ulwimi oluhlonitshwayo lwento kaShakespear nokaOrwell, igama elithi '*selfie*' libe sematheni ngonyaka wama-2013. Ngoko ke ukuba akulazi, akunakudlelwa ndlala. Inene into iyakwazi ukuqala mayana kanti iza kuphela ilidumasi. 5
- 2 I'*selfie*' ngumfanekiso athi umntu azithathe wona esebenzisa ikhamera, esenokuba si*smartphone* aze awungxale kumaqonga onxibelelwano afana noo*Facebook*, *Instagram* okanye u*Twitter*. Oko kwenzelwa ukuba abahlobo nabalandeli mabawubone, ze bawuncome. UFiona McPherson, ongumhleli oyintloko kwicandelo lakwaOxford *English Dictionary* uthi 'Asikokuzifota nje kuphela, kukuyixhoma loo foto kumaqonga onxibelelwano okuyenza ibeyi'*self portrait*' – i'*selfie*' ngamafutshane. Esi senzo sokuzifota akugqiba umntu ayipapashe loo foto kula maqonga kuthethwa ngawo, sisiphumo sempucuko. Nakuba kunjalo, ababukeli bakubona oku njengomkhuba wokuziphakamisa okugqithileyo kwanowokuzigwagwisa kwabo basenzayo. Kanti ke, abasibona esi simbo seeselfie njengomkhwa oxhalabisayo, bazixhasa ngelithi unokushiya umzila wokuzidela nokungazithembi kumthinjana. 10
- 3 Imbali yee'*selfie*' inxulunyaniswa nokungena nzulu kwetekhnoloji nomkhwa omtsha wokukhonzwa ngokugqithisileyo kweendumasi. Oku kukhonzwa kungaka kweendumasi kuyazalana nobukho beeselula ezizii'*smartphones*' ezinezixhobo eziliqela, njengekhamera yangaphambili neyangemva. Ngumfundi wase-Australia ogama lingaziwayo owaqamba igama elithi '*selfie*', ngokuthi athumele ifoto yomlebe wakhe osikekileyo kumaqonga onxibelelwano, emva kokuzintyintya kakhulu ngotywala kwisiyunguma awayekuso. Wayibiza ngokuba yi'*selfie*' loo foto. Kwaba oko kukuzalwa kwegama elithi '*selfie*', elashicilelwa okokuqala ngonyaka wama-2002. 15
- 4 Ubukho bamaqonga onxibelelwano bubangela ukuba lithi igama liqala nje ukubizwa libe selishicilelwa. Oku kudalwa kukuba ulutsha lwanamhlanje luwasebenzisa kakhulu amaqonga onxibelelwano. Ngeveki nje enye lubhala amagama aliqela. Ngenxa yoku isigama solutsha siyakhawuleza ukushicilelwa kuneso sexesha leenkonde. Nakuba ulutsha lungenazangotshe zakubhala zisemgangathweni, uthotho lweetekisi oluzibhalayo kula maqonga, lunceda abaqulunqi bezichazi-magama. Aba baqulunqi bafumana isigama esitsha kulo vimba wobuchwephesha. 20

- 5 Ubukho bee'*selfie*' bulukhulise ngokukhawuleza udumo lwazo zonke iintlobo zeendumasi. ULady Gaga ongomnye wabathandi bee'*selfie*', uyindumasi ephambili xa kuthethwa ngesimbo see'*selfie*', de abizwe 'njengegcisa elingumlawuli' kufoto lwazo. Xa kuthethwa ngeendumasi, akuthethwa ngoonoxesha beendumasi nje, koko kubhekiswa nakwizihlonipheki ezifana noHillary Clinton ongomnye owayesoloko ebonwa ezifota. Kwangokunjalo noMongameli waseSingapore wayebonwe efota i'*selfie*' ekunye neenkokeli zamanye amazwe, kwintlanganiso yehlabathi. Kanti ke, neemvumi zomculo we*Pop*, nabasasazi beenkqubo eziyinyani kumabonakude banokubalulwa njengabanegalelo ekukhuleni kobu bundumasi ngee'*selfie*'. Akothusi ke ngoko ukuba sizibhaqe sinamawaka eendumasi eziqandusele amawakawaka abathathi bee'*selfie*' ehlabathini, ngakumbi abangamantombazana. Wona akwenza oko eneenjongo zokunconywa ngoogxa babo. 40 45 50
- 6 Ngokweengcali zesimo sengqondo ezijongene nokuxhatshazwa kwabantu kumaqonga onxibelelwano, abantwana bayakuthanda ukulinganisa imikhwa yabantu abadala, **ngakumbi** abaziindumasi. Ngokwezi ngcali, ngamantombazana abangamaxhoba okuwexulwa ngulo mkhwa, nowenza ukuba axhatshazwe ngokwasemoyeni engaqondi. Wona aqhutywa yinkolelo yokuba ubuhle yimbonakalo yangaphandle. Ngokwesithethe see'*selfie*', ukunganconywa linani elikhulu labantu kuneziphumo zokudandatheka komoya. Kaloku, kude kwayinto eyamkelekileyo ukuba ukuzigwagwisa kuko okukunika udumo kunetalente nemisebenzi. Lisiko elinenkqayi into yamantombazana yokusoloko enolangazelelo lokuqinisekiswa ngokunconywa, nelidala inkxalabo kubazali. 55 60 65
- 7 Isimbo sokuba ubani afote, ze loo foto ihonjiswe ixhonywe ngenjongo yokuzinika udumo, sasikho kwakudala. Kukho izinhanha ezaziwayo ezaziqesha abazobi bokuzizoba ngeemali ezitshisiweyo, zizixhome ezo foto. Esi simbo sokufota ii'*selfie*' siyazalana nesi, nto nje ngoku senziwa ngemali ephantsi. Umcimbi wee'*selfie*' unwenwe okomlilo wedobo, ezo ziziphumo zetekhnoloji nengqondo yomntu. Imvelaphi nokusetyenziswa kwee'*selfie*' kungqina intetho yakwaXhosa ethi 'Inkqayi ingena ngeentlontlo'. 70

[Sicatshulwe kwi*Sunday Times*, 24 November 2013, kwiwebhusayithi i-[www.telegraph.co.uk](http://www.telegraph.co.uk) saze saguqulelwa, sahlelwa]

### Jonga kumhlathi 1

- 1.1.1 Loluphi udidi lwabantu abagqwesileyo ngokusebenzisa ii '*selfie*'? (1)
- 1.1.2 Saziwa ngokupapasha ulwimi lwento kabani isichazi-magama sakwa*Oxford*? (1)
- 1.1.3 Sizathu sini esibangela ukuba abe akanakudlelwa ndlala lowo ungenalwazi nge'*selfie*'? (2)

**Jonga kumhlathi 2**

- 1.1.4 Nika iinjongo zibeMBINI zokuxhonywa kwee'*selfie*' kumaqonga onxibelelwano. (2)
- 1.1.5 Khankanya imikhuba emiBINI ebonwa ngababukeli kwisenzo sokuxhoma i'*selfie*' kumaqonga onxibelelwano. (2)

**Jonga kumhlathi 3**

- 1.1.6 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zingezantsi.
- Linika yiphi intsingiselo igama '*wokukhonzwa*' ngokwakwi-sicatshulwa?
- A Eyokwenziwa kwento kakhulu ide izilungele.  
B Eyokubonwa kwento kakhulu ide iqheleke.  
C Eyokuxatyiswa kwento kakhulu ide ilawule.  
D Eyokuyekelwa kwento kakhulu ide izilungele. (1)
- 1.1.7 Chaza imvelaphi ye'*selfie*' ngokwesicatshulwa. (2)

**Jonga kumhlathi 4**

- 1.1.8 Tyhila okuqulethwe sisivakalisi esikrwelelwe umgca ngaphantsi ngamaqonga onxibelelwano. (2)
- 1.1.9 Ngqina ukuba ulutsha lunegalelo ekukhuleni kwesigama. (2)

**Jonga kumhlathi 5**

- 1.1.10 Nika ingcamango ephambili yalo mhlathi. (2)

**Jonga kumhlathi 6**

- 1.1.11 Linika ntsingiselo ni ngeendumasi igama '*ngakumbi*' elibhalwe ngqindilili kulo mhlathi. (1)
- 1.1.12 Yinyani okanye luluvo okuthethwa sisivakalisi esingezantsi? Xhasa impendulo yakho
- '... ukuzigwagwisa kuko okukunika udumo kunetalente nemisebenzi.' (2)
- 1.1.13 Caphula izivakalisi eziBINI kulo mhlathi eziqulethe ingcinga ebethelekileyo ngokwesini. (2)

**Jonga kumhlathi 7**

- 1.1.14 Chonga izafoke eziBINI kulo mhlathi ezithetha ukuba into iyakwazi ukuqala kancinci isuke yande. (2)

1.2 Funda lo mfanekiso ungezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA B: OKUBONWAYO**



[Uthathwe kwi-[Giraffe oluyemiogunojo.com](http://Giraffe.oluyemiogunojo.com), waze wahlelwa]

- 1.2.1 Xela into engaqhelekanga eqhubeka kulo mfanekiso. (2)
- 1.2.2 Yintoni ebonisa ukuba indlulamthi ayoyiki kulo mfanekiso? (2)
- 1.2.3 Myalezo mni odluliswa ngulo mfanekiso? (2)

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**

**ICANDELO B: USHWANKATHELO****UMBUZO 2**

Esi sicutshulwa sithetha ngeendlela zokufumana ubutyebi. Funda ISICATSHULWA C esingezantsi uze udwelise iingongoma EZISIXHENXE ezimalunga neendlela zokufumana ubutyebi.

**IMIYALELO**

1. Shwankathela ngokwemo yeengongoma
2. Dwelisa iingongoma ezisi-7 ezibhalwe ngezivakalisi ezipheleleyo ngamagama angadlulanga kuma-70.
3. Nombola izivakalisi ngolu hlobo: 1–7.
4. Shwankathela usebenzisa amazwi angawakho kangangoko.
5. Bhala inani lamagama owasebenzisileyo kwizibiyeli ekupheleni koshwankathelo lwakho.

**ISICATSHULWA C****UBUTYEBI**

Zininzi iindlela abathi batyebe ngazo abantu. Bakho abantu abaqala phantsi eluthuthwini, babile besoma, bawe bevuka, banyuke bade baye kufikelela encochoyini batsho babe ziingcungcu. Umntu obufumene ngolu hlobo ubutyebi ngoyena udla ngokuhlanelwa ngabantu.

Abanye abantu batyeba ngenxa yelifa abashiywe nalo ngabazali babo. Akuye kubekho ngxaki xa umntwana emnye kowabo. Iba yimfazwe xa abantwana abaninzi beshiywe ngabazali lungenziwanga ulwabiwo-mali ngokusemthethweni.

Mntu wumbi uyakwazi ukuzibona sele esisityebi ngenxa kaqashi-qashi okanye ukhuphiswano. Uqashi-qashi othandwa kakhulu ngowamahashe kude kuthi umdyarho kaJulayi phaya eThekwini. Zikho iindidi ngeendidi zokhuphiswano eziye ziphume kumaphepha-ndaba, koonomathotholo nakoomabonwa-kude apho anokuthi umntu azuze intywenka yemali.

Imidlalo nayo imenza ukuba umntu atyebe. Umdlali wodumo akaneli nje kukufumana imali ngomdlalo wakhe omhle koko ufunjathiswa iimali ezinkulu ngokuvumela ukusetyenziswa kwegama lakhe nomfanekiso wakhe xa kusenziwa izibhengezo-ntengiso emaphepheni, koonomathotholo nakoomabonwa-kude.

Batyebile abantu phandl'apha ngumculo. Umculo uzithimbile iingqondo neentliziyo zabantu ingakumbi ezolutsha. Abantu baxolele ukukhupha iimali ezinkulu kuba befuna ukubukela uzibaningeshe ecula, etyityimba.

Ubhalo-ncwadi nalo luyakwazi ukuyigxothela kude indlala xa athe ubani wazinikela ngokupheleleyo kulo. Apha sithetha ngomntu oziqeshileyo, ohlalele ukubhala iincwadi kuphela. Umbhali okulu didi uthi egqiba nje ukubhala incwadi abe sele eqala enye ngoba ukubhala kuye kusegazini. Zikho ezinye iindlela ezininzi anokuthi umntu atyebe ngazo ezingakhankanywanga ngentl'apha.

Ubutyebi bangoku bumbiwa ngaphantsi komhlaba. Kumbiwa amatye exabiso anje ngegolide, isilivere, idayimani njalo-njalo. Igolide yona ide yenziwe ibe zizitena ezithi zigcinwe koovimba bemali abakhulu apho ihlala khona njengobutyebi obufuyiweyo.

[Sithathwe kwincwadi: *Amaxesh' empucuko, Sisingise phi na?*, M Yekela, iphepha 5–7 saze sahlalwa]

**ICANDELO C: IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI****UMBUZO 3: ISIBHENGEZO-NTENGISO**

Funda esi sibhengezo-ntengiso uze uphendule imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA D**


**INEEGIYA EZISI-7  
AYIBALEKI ISUS' AMAPHEPHA!  
UYAYIYEKA?**

SL63 AMG.. Isantya esinomahluko.



Ngaphakathi lizulwa- a- ana! Izixhobo zokhuseleko zizonke.  
Ithabatha 13.9L/100km yepetroli. Ikongela imali!

**AMG** Mercedes-Benz

[Sithathwe ku: [www.googleimages.com](http://www.googleimages.com) saze sahlelwa]


- 3.1 Chonga isivakalisi esibabaza isantya ebaleka ngaso le moto. (1)
- 3.2 Uyintoni umsebenzi welogo kwesi sibhengezo-ntengiso? (1)
- 3.3 Khetha impendulo echanekileyo kwezi.  
Injongo yokuba umfoti ayivele ngale engile ivele ngayo imoto yeyokuba:  
A umthengi ayiqaphele ukuze ayicaphukele.  
B umthengi ayiqaphele ukuze ayinqwenele.  
C umthengi ayiqaphele ukuze ayithengise.  
D umthengi ayiqaphele ukuze ayingenise. (1)
- 3.4 Kunafuthe lini kubathengi ukusetyenziswa kombuzo buciko kwesi sibhengezo-ntengiso? (2)
- 3.5 Linika yiphi intsingiselo igama 'zizonke' kwesi sibhengezo-ntengiso? (1)
- 3.6 Xela izinto eziMBINI aya kuzizuzisa umthengi wale mveliso. (2)
- 3.7 Ingaba kulungile ukusetyenziswa kolwimi olubaxayo kwisibhengezo-ntengiso? Xhasa impendulo yakho. (2)

**[10]**



**UMBUZO 4: IKHATHUNI**

Funda le khathuni uze uphendule imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA E**

[Ithatyathwe kwi-[cartooneducation.net](http://cartooneducation.net), yaza yahlelwa]

- 4.1 Xela zibeZIBINI izixhobo zegumbi lokufundela ezikule khathuni. (2)
- 4.2 Nika iimpawu zibeMBINI ezibubungqina bokuba utitshala uyacaphuka. (2)
- 4.3 Khetha impendulo echanekileyo kwezi. Ithoni esetyenziswe nguSipho kwimpendulo ayinika utitshala:
- A Yeyokungakhathali  
 B Yeyobubele  
 C Yeyokuqiniseka  
 D Yeyokuthandabuza (1)
- 4.4 Kuzisa ntsingiselo ni ukuphinda-phindwa kwegama 'umnqathe'? (1)
- 4.5 Chaza uvakalelo oludizwa ludaba lobuso bukaRio. Xhasa impendulo yakho. (2)
- 4.6 Luvo luni oludluliswa ngumzobi wekhathuni? (2)

**[10]**

**UMBUZO 5: IPROZI**

5.1 Funda esi sicutshulwa uze uphendule imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA F****AKUFANI NOKUTHI CWAKA**

Kwathi kwakuphela ukutya waqonda ukuba makakhe asebenze iinyangana nasemaplasini ukuze azuze imali. Wahamba efuna umsebenzi kwimizi ekufutshane endleleni. Ngamanye amaxesha wayefumana umsebenzi okufutshane kodwa eye imali, angabi saziqeshisa. Kweminye imizi wayephathwa gadalala kufuneka aphume ngomva emasangweni. Le nto yayibangwa kukuba abafu abazimela emigodini babehamba besona, bephanga abantu, bathi ngokwenjenjalo bathwalise abanye ubunzima. Wahamba ephapha izagweba kodwa wanyamezela. Wada wawufumana umsebenzi kumlungu **owamqetshela** ukusebenza egxamesini. 'Ndifuna ulondolozo igxamesi lam. Umsebenzi awungako kodwa kufuneka ungalovi, uzisebenzele imisetyenzana yakho njengomntu oqhele ukusebenza,' watsho loo mLungu emqesha. 5 10

[Sicutshulwe kwincwadi: *Londolozani isiXhosa*, nguNabe nabanye; amaphepha 55–56 saze sahlelwa]

5.1.1 Khetha impendulo echanekileyo kwezi: Umsebenzi wesimamva segama elikrwelelwe umgca kwisivakalisi esingezantsi.

... waqonda ukuba makakhe asebenze iinyangana naseplasini.

- A Kukubonisa ubuncinane ngokuzalwa
- B Kukubonisa ubuncinane ngokwenani
- C Kukubonisa ubuncinane ngokwesiqu
- D Kukubonisa ubuninzi ngokwenani (1)

5.1.2 Xela imo yesenzi esikrwelelwe umgca ngaphantsi kwesi sivakalisi silandelayo.

Wahamba efuna umsebenzi kwimizi ekufutshane. (1)

5.1.3 Sisakhi sini esibhalwe ngqindilili kwigama, 'endleleni' kwesi sicutshulwa? (1)

5.1.4 Khetha isichazi kwesi sivakalisi singezantsi uze uxele nodidi lwaso.

Ngamanye amaxesha wayefumana umsebenzi okufutshane kodwa eye imali, angabi saziqeshisa. (2)

5.1.5 Sebenzisa isibizo esikrwelelwe umgca ngaphantsi kwisicutshulwa kwesinye isivakalisi sinike intsingiselo eyahlukileyo. (2)

5.1.6 Xela isigaba sentetho segama elibhalwe ngqindilili kwisivakalisi esingezantsi.

**Le** nto yayibangwa kukuba ... (1)

- 5.1.7 Nika isichasi segama 'ubunzima'. (1)
- 5.1.8 Bhala ngokuchanekileyo igama elibhalwe ngqindilili kwisicatshulwa. (1)
- 5.1.9 Chonga isenzi esikwimo yesixando uze uxele udidi lweso sixando kwesi sivakalisi.  
Kweminye imizi wayephathwa gadalala kufuneke aphume ngomva emasangweni. (2)
- 5.1.10 Bhala kwakhona isivakalisi esingezantsi sibe kwixesha elizayo.  
Ndifuna ulondoloze igxamesi lam. (2)
- 5.2 Funda lo mfanekiso uze uphendule imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA G: UMFANEKISO**

[Uthathwe kwi-Awardwinning pictures.com waza wahlelwa]

- 5.2.1 Bhala esi sivakalisi silandelayo ngokuchanekileyo.  
zendlela ziyabagqiba abantu iingozi. (2)
- 5.2.2 Dibanisa ezi zivakalisi ZIBINI zilandelayo ngesihlanganisi esikwizibiyeli.  
Imithetho yendlela ifuna ukuqatshelwa.  
Imithetho yendlela yenzelwe ukuthintela iingozi.(kuba) (2)
- 5.2.3 Bhala esi sivakalisi silandelayo sibe kwimo evumayo.  
Iingozi zemoto azibenzakalisanga abantu. (2)

**[20]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 40**  
**AMANQAKU EWONKE: 80**